# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala



## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.

## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.



Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.



Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.

Yayiyimpelaveki yam yokutyelela uMakhulu noTatomkhulu efama. Mna nomhlobo wam omkhulu uZaza sasincokola ngempelaveki yethu qho sakufumana ithuba loko.

Utitshalakazi wethu uNkszn. Botha wasibhaqa siqqithiselana izibhilivana ezazithetha ngaloo mpelaveki, kodwa zange isikhathaze loo nto kuba sasixhelelw' eXhukwane.



Sasikuthanda efama. Kwakukho amadada, amarhanisi, iinkuku, iidonki, izinja, iinkawu, ndibala ntoni na? Kwakukho namatakane eebhokhwe amathathu.

Ezi bhokhwe zihlala kwihoko esecaleni kweyeedonki. Zinoboya obudlakadlaka, iindlebe namehlo amakhulu, iimpondo ezisembindini webunzi.

Rhoqo ngoMgqibelo uMakhulu noTatomkhulu banxiba iibhutsi zabo zerabha neeovarolo baye kucoca ihoko yeebhokhwe.

Khawuyijonge ihoko yazo! Ayimdaka yeha!



Sathi xa singena efama, ndanamanwele. Ndaqonda ukuba kukho into engalunganga. UMakhulu noTatomkhulu babengasikhawulelanga esangweni.

"Hayi bo mama, jonga nasi isimanga! Naba uMakhulu noTatomkhulu belele ehokweni emdaka."

"UmntakaNantsi!" wakhuza umama. Ziphi iibhokhwe? Bayephi uNgwenya noLala noBhili? Ngokuqinisekileyo bazimele kwakhona!


Benjamin, wena noZaza hambani niye kukhangela iibhokhwe mna ndiza kunceda uMakhulu noTatomkhulu. "Ndiyathemba abanandawo yaphukileyo!"



UNgwenya wayeyibhokhwe elulame kakhulu eyakhuliswa kunye nezinja, kwaye wayesisidalwa esingaqhelekanga. Wayengazazi nokuba uyinja okanye uyibhokhwe okanye ungumntu. UMakhulu wamncancisa ibhotile yosana esakhula. Eselitakanana wayedla ngokuba amalaphu aze alale phezu kweesofa.

UNgwenya lo wayehlakaniphile kuba wayedla ngokulivula isango lehoko azimele. Ezinye iibhokwe zazimlandela zitsibe emva kwakhe.

ULala, eyona bhokhwe incinci, naye wayehlangulwe. UBhili, eyona bhokhwe indala, wayesoloko enomsindo ethanda ukuhlaba abantu ngasemva. Ndazi kwangoko ukuba kwenzeke loo nto kanye kuMakhulu noTatomkhulu!



Sakhawuleza saya edlelweni. Sazifumana zontathu zisitya ingca nameva acolekileyo kwelo thafa.

Ndaba nendawo enqwenela ukuba ndiziyeke apho, kodwa kwakungekho cingo, kwaye ezi bhokhwe zazizithanda iintyatyambo zesiqwane zikaMnu. noNksk. Nathe ezintle ngolona hlobo.

Sazibiza ngokuzolileyo. "Ngwenya, Bhili nawe Lala, yizani." UBhili waphakamisa iindlebe zakhe waqalisa ukuqhwaya emhlabeni ngeempuphu zakhe.



Ndaya kuNgwenya kuqala. Ndasebeza endlebeni yakhe waze wahamba ecaleni kwam ethe cwaka. ULala walandela uZaza saze sazikhokelela ehokweni yazo.

UMakhulu noTatomkhulu babengasekho apho ehokweni. Umama wabakhupha waze waqinisekisa ukuba abonzakalanga. Babehleli ezitulweni zabo kwisituphu sangasemva.

Sayitshixa ihoko saza saya kulanda uBhili. Samfaka ibhanti yenja enentambo ende entanyeni saze samtsala ngayo ukubuyela ehokweni eqhashambula enjalo.

Safika silindelwe yimiqathane ebhakwe ekhaya kunye nekofu. "Enkosi kakhulu Makhulu," sakhwaza sobabini. Sasiyithanda kakhulu imiqathane ebhakwe nguMakhulu.

UMakhulu wayenezinja ezintlanu: UBhobhi, uJoja, uToki, uThayiga noStompi. Zonke zazingenamakhaya zizulazula esithubeni ziyimiduka nje, zaze zathathwa ngoomakhulu bazigcina yazezabo.

UBhobhi wayeyintombi enemilenze emide enesikhumba esikhazimlayo esimdaka ngebala enamehlo amakhulu anobufekefeke.

Ezi zinja zazidlala indima enkulu efama. UThayiga wayezakhele ubuhlobo noRhanisi. Sathi sakumbiza uThayiga ukuze azofumana izimuncumuncu zakhe, akayithanda mpela loo nto uRhanisi ngakumbi singamphathelanga nto yena. Ndakhawuleza ndabuyela ekhitshini ndamphathela isonka.

UJoja yena wayeyinja kaMakhulu. Kudala wabakho kangangokuba nam ndaqabuka ekho. Wayemthanda kakhulu uMakhulu kwaye ebekuthanda ukuziqhusheka kuye nanini na akufumana ithuba.

UToki noStompi babezizinja ezincinci ezisoloko ziqhogene. Zaziluncedo kakhulu ekukhuseleni iinkuku zingafunyanwa ziingcuka xa zingene efama.



UMakhulu noTatomkhulu babenedama elikhulu kwifama yabo. Sasikuthanda ukuqubha kulo qho xa sibandwendwele noZaza. Ngentsasa elandelayo mna noZaza nezinja zontlanu sabaleka ukuya edamini siyoqubha. UBhobhi wayekuthanda kakhulu ukuqubha ngaphezu kwazo zonke ezinye. Ngenye imini ndandifunyenwe yinkantsi ndisemanzini, ndancedwa nguye wanditsala ngengalo wandikhuphela ngaphandle edamini. Siziva sikhuselekile noZaza xa sinoBhobhi ecaleni kwethu.



Emva kwethuba sizonwabele edamini, sagoduka kuba yayilixesha lesidlo sasemini. Endleleni seva isikhalo setakane "mhee-ee". Yayilitakane legusha elisandul' ukuzalwa libambeke etyholweni elinameva. "Zaza, khawundincedise sikhulule eli takane kula meva," ndatsho. Emva kwemigudu sakwazi ukulikhulula itakane. Langceleza ukuya kunina owayesijonge enexhala.

Sabalisela wonke umntu ngento esiyenzileyo sakufika ekhaya.

"Nenze kakuhle. Ndiyabulelela. Inene niza kuba nento eninzi yokubalisela abahlobo benu esikolweni ngomso," watsho utata ngebhongo.

Olunjani lona utyelelo! Siyakuthanda efama. Iinkumbulo ezimnandi ezinjalo zihlala nathi ngonaphakade.

# Amatakan' Eegusha

Ayaqakaqakath' amatakane eegusha.
Ayadlobadlob' ajikelez' isibaya.
Kukho ncutshe yon' etaka ngokweliza.
Ityhulutyhuluba naphantsi kwamahlahla.
Yintshatsheli kulo mhlambi wamaxhwane.

Bona nanko loo mlanjana uzek' indlela.
Uthe qhiwu loo misilan' isengozini.
Iqhayiya layo liyesuswa kwangomso.
Isitshetshe sesilolwe sayintshengula.
Amakhwenkw' awatyumbil' amaqashiso.

Dlobani maxhwan' amahle bayez' omama,
Abonwabanga ngani zincinanana.
Nabo benxakama bexel' imaz' enkomo.
Hayi laa malus' uyabaphithizelisa,
Ubaphethuphethula ngomnqay' ulambile.

Maxhwan' amahle, hlalani nichwayitile.
Mayingaze inihlele inqin' ezweni.
Loo mizinjana yenu impuluswa,
Ezo nyawana zenu zitwakutwaku,
Mazihlale zihleli zinjalo kaloku.

Buyani bonozala iyajwed' intsapho.
Nabo bevela onina bengumngcelele.
Ayahlangabeza amatakan' eegusha,
Ahamb' ekhala ngovuyokazi,
'Mhe! mhe! mhe! mhe! mhe-e'!






ngu L.T. Manyase

# Ubusazi na

- Imazi yebhokhwe netakane layo ziyakwazi ukuvana xa zibizana emva kokuba umama efumene itakane.
- Iibhokhwe zinokulungelelanisa okungummangaliso. Zinokuxhathisa okumangalisayo kangangokuba ziyakwazi ukuphila ezintabeni ezimqengqelezi.



- Iibhokhwe ziyakwazi ukukhwela emithini kwaye ezinye ziyakwazi ukutsiba ngaphaya kwento ephakame kangangemitha enesiqingatha.
- Inkuku sesona sidalwana sisondeleyo seTyrannosaurus Rex esiphilayo.
- Iinkuku ziyakwazi ukuqaphela nokukhumbula abantu abohlukeneyo.



- Iqela lamarhanaisi kuthiwa ngumhlambi.
- Iqela lamarhanisi abhabha enze imilo engu-V kuthiwa sisikeyini/sisikhinkci.
- Umntwana werhanisi kuthiwa lintshontsho lerhanisi.



- Izinja zaziwa njengabona 'bahlobo babantu'.
- Izinja zineendlebe ezibukhali kwaye ziyakwazi ukuva izandi ezikude ukodlula thina bantu.
- Izinja sizisebenzisa njengezinja zokukhokela, ezamapolisa nanjengezilo-qabane. Zihlakaniphile kakhulu.

# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 Funda le mibuzo ilandelayo uze ubhale iimpendulo.

a. UZaza noBenjamin bebegqithiselana izibhilivana egumbini lokufundela. Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kula makhwenkwe?
b. Athini amagama eebhokhwe? Yeyiphi ibhokhwe oyithandayo. Kutheni usitsho nje?
c. Chaza ukuba kwenzeka ntoni kuMakhulu noTatomkhulu. Bhala izivakalisi ezi-5.
d. Benza njani uZaza noBenjamin ukuze bakwazi ukubuyisela uBhili ehokweni yakhe?
e. Balisindisa njani itakane uZaza noBenjamin?
f. Ucinga ukuba uZaza noBenjamin bahlala edolophini okanye efama? Kutheni ucinga njalo nje?
g. Ungathanda ukuhlala efama wena? Ngoba kutheni?



2 Yiba ngathi unguZaza. Bhalela ooMakhulu bakaBenjamin ileta ubabulele ngempelaveki emnandi oyichithe efama.

# IBANGA 3 ULWIMI LWEENKOBE

Inqanaba: 2

## Incwadi 3

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Impelaveki esingasoze siyilibale |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-3 Inqanaba 2 Incwadi 3 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | ngaphakathi, ngasemva, qho, rhoqo, ncokola, ndaqabuka, eqhashambula |
| Isigama: | isibhilivana, amanwele, khawulela, lulama, isiqwane, iimpuphu, imiqathane, ukuziqhusheka, inkantsi, ukuqhogana, ukuqhwaya |
| Izandi: | ee, nts, ntl, ndw, ngc, qhw, thw, tyh. |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Phendula imibuzo yovavanyo lokuqonda.<br>▪ Bhala ileta yombulelo. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zeBanga lesi-3 zoLwimi Lweenkobe

### Inqanaba: 1

- UMvundlana uqhatha uMpungutye
- Utyelelo elwandle
- Uyolo lwasekhitshini
- Idayari kaNozikhalazo

### Inqanaba: 2

- Izilwanyana ziqhweshile
- UThandi unemini embi
- Impelaveki esingasoze siyilibale

### Inqanaba: 3

- Irhamncwa ekhabhathini
- Ityala lokulahleka kwamaqebengwana
- Yinyaniso emsulwa

ISBN 978-1-4315-2618-5
9 781431 526185

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2518-5

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education
Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.